

# ICORONAVAYIRASI

## MASIYINQANDE inganwenwi

### Zihlambe rhoqo izandla zakho kaninzi kangangoko, ngakumbi:

Xa ubuvela ethoyilethi naxa ubutshintsha inapkeni yomntwana.

Ngaphambi kokwenza ukutya.

Emva kokuba ubukhe wanceda umntu ogulayo.

Emva kokubamba izinto neendawo zikawonkewonke ezifikelelwa qho zizandla ezifana nezibambo zamacango, amaqhosha eATM nezitulo zeteksi.

### Hlamba izandla zakho

- Sebenzisa la macebiso okuhlamba izandla imizuzwana engamashumi amabini (20).
- Finyeza imikhono, hlamba izandla emanzini acocekileyo galela/faka isepha esandleni.

20  
imizuzwana



1  
Hlikihla izandla zozibini.




2  
Hlikihla iincam zeenzi esandleni. Kwenze oku kwizandla zozibini.



3  
Dibanisa izandla ukuhlikihla imiphakathi yeminwe ngaxeshanye.



4  
Beka isandla emva kwesinye, hlikihla phakathi kweminwe. Tshintsha ukwenze oku kwizandla zozibini.



5  
Iminwe yakho mayibambane ukuze ihlikihlane.



6  
Hlikihla ubhontsi wesinye isandla kwesinye esandleni. Kwenze oku kwizandla zozibini.

- Pula izandla zakho ngamanzi acocekileyo uzisule ngetawuli yephepha okanye uziyeke zizomele ngokwazo.
- Ukuba unayo isanitiser sebenzisa yona xa zingemdakanga izandla zakho naxa ungenayo isepha namanzi.

### Ukuba awunampompo yamanzi endlwini, yenza uzenzele ngembombozi ukuze uhlambe izandla

1

Vula umngxuma esicikweni sembombozi engenanto.

2

Galela amanzi agcwale.

3

Yivale ngesiciko.

4

Manzisa izandla zakho ngentwana yamanzi.

5

Hlamba izandla zakho ngokwale ndlela ichazwe ngasentla.

6

Pula izandla zakho nembombozi.



Ungaziphathi ebusweni ngezandla ezingahlanjwanga.

liHotline:

0800 029 999 okanye 021 928 4102 okanye 0800 111 132

WhatsApp "Hi" uthumele ku-060 012 3456

Ukufumana ezinye iinkcukacha:  
[www.westerncape.gov.za/coronavirus](http://www.westerncape.gov.za/coronavirus)

